



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2021

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 3 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)
8. Nombola iimpindulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- 1.1 Ndingayintoni ngaphandle kwakho. **[50]**
- 1.2 Amaphupha angafezekanga. **[50]**
- 1.3 Imingeni izizithintelo nangona ikwangamanqwanqwa kwindlela eya empumelelweni. **[50]**
- 1.4 Unyawo alunampumlo. **[50]**
- 1.5 Xabisa inkcubeko yakho. **[50]**
- 1.6 Izinto ezingenziwa nguRhulumente ukuphucula uqoqosho ngexesha leKhorona. **[50]**
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1

**[50]**

[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa.]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waza wahlelwa.]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI**UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Bhalela uManejala wevenkile yempahla ukhalazele impatho embi oyifumene kunogada wevenkile leyo. [25]

2.2 INGXELO ESESIKWENI

Bhala ingxelo yotyelelo kwikhaya leenkedama njengoNobhala wolutsha kwinkonzo yakho. [25]

2.3 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

Bhala isivi yokucela umsebenzi wokonga izigulane neleta eyikhaphayo. usebenzise iinkcukacha ezibhalwe ngezantsi: [25]

**ISITHUBA SOMSEBENZI WOKONGA****ISIBHEDLELE SETHU SINOMSEBENZI WOMNTU ONOKU KULANDELAYO:**

- Isatifiketi sematriki esiveza ukuphumelela kwizifundo zesiNgesi, zeziBalo kunye nezoBomi
- Kulindleke amava omsebenzi eminyaka emi-2 nangaphezulu
- Iinkcukacha ezithe vetshe zakufumaneka ngokuqhagamshelana noMnu S.Zinto, Saints Hospital, Heshela, 6200
- Inombolo yoqhagamshelwano 048 5119876
- Idilesi ye-imeyile s.zinto@gmail.com

2.4 ILETA YOBUHLOBO

Bhala ileta yokuvelana nomhlobo wakho othe waswelekelwa ngumzali. [25]

2.5 UDLIWANONDLIBE

Bhala udliwanondlebe oluphakathi kwakho nomsasazi woMhlobo wenene ngomba wobulungisa othe wabenza. [25]

2.6 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba elimalunga nokuxhatshazwa kwabantu basetyhini. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100